

SA's Leading Past Year

Exam Paper Portal



*You have Downloaded, yet Another Great Resource to assist you with your Studies 😊*

*Thank You for Supporting SA Exam Papers*

Your Leading Past Year Exam Paper Resource Portal

Visit us @ [www.saexampapers.co.za](http://www.saexampapers.co.za)



**SA EXAM  
PAPERS**



# basic education

Department:  
Basic Education  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2016

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-13.

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:  
ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda (30)  
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)  
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi (40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:  
ICANDELO A: Imizuzu engama-50  
ICANDELO B: Imizuzu engama-30  
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA****UMBUZO 1**

1.1 Funda esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A****IMPUCUKO NEENTO ZAYO**

- |   |  |                      |
|---|--|----------------------|
| 1 | Ubomi kuthiwa ngumzamo. Umzamo wokuqala kukufuna into esiwa phantsi kwempumlo. Umntu uxhomekeke endalweni, kwizilwanyana nezityalo ukuze afumane oku kutya. Kumalinge akhe okuzifunela inyama ngokuzingela nokubulala izilwanyana usele efumana ingqondo yokuzenzela izambatho ngezikhumba zezi zilwanyana azibulalayo. Nakuloo nto eyona nto ibibalulekile ziingubo zokulala nezinye ke iimpahlana esinokuthi ibizezentlonipho nje, ezi zifana nezibheshu ezi bezisakubhinqwa ngamadoda. Kube njalo ke nakwaNtu. Yiyo loo nto ubusakubona kutsha nje amakhwenkwe ehamba ze, aze athi akufikelela kwixabiso elithile aqale agqishele. Ngokunjalo nasemantombazaneni kutsha nje ebebonakala enxibe nje iinkciyo kuphela, aze ke athi akuba ziintombi ezikwixabiso elithile zincebethe zibe nawo namajikolwana. Xa ubona izinxibo zale mihla ngaba ungaba sakwazi ukuyicinga into yokuba kwakukhe kwanxitywa iimfele zezilwanyana. Kunamhla nje sibona iindlela ngeendlela zokunxiba. Zininzi kangangokuba kunzima nokusazi esona sisesabasetyhini nesisesamadoda. Yimpucuko ke leyo.  | 5<br>10<br>15        |
| 2 | Izithethe namasiko akasindanga nawo ekuchatshazelweni yimpucuko. Thatha amasiko nezithethe zamaXhosa, ujonge indlela eziguquke ngayo <b>ngenxa</b> yempucuko yaseNtshona. Impucuko ifike yasibetha saziindindi ezingxabalazileyo. Amasiko yinkonzo kuthi; izithethe namasiko yindlela yokuhlala eyenza ukuba isizwe sahluke kwesinye. Impucuko isiphathele olunye uhlobo lokukhonza nenye indlela yokuhlala. Jonga ulwaluko. Impucuko ifike yasifundisa ukuba aziyompilo ezinye izithethe ezihamba nolwaluko – azinakuthiwa pahaha kambe ezasesuthwini kodwa zikhona ezi sinokuzikhankanya noko: ukusela amanzi anothuthu (okanye ukungaseli) kwiintsuku ezisibhozo zokuqala; ukungazityi izityo ezithile; ukuya kuhlamba emlanjeni ekuseni kusabanda njalo njalo. Jonga ukuthomba. Zisekho iintombi ezithombayo? Izinyanya zona zisawanyuselwa amadini, zikhe zisezele amanqath'eenkomo zesizwe ngabula Krune Mqhayi? Zizinto ezaba semva zonke ezo kuba kaloku impucuko ithi makukhonzwe ezindlwini zetyalike kuyekwe izinto zobuhedeni. Nezi nyama ziphekwa kula madini impucuko isibonise ukuba le ndlela ziphekwa ngayo ayiyompilo. Impucuko ayali ukuba inkwenkwe ingasela ebhekileni enye nendoda kanti nokuncazelana kwamakhwenkwe namadoda impucuko iyakuvumela. Zininzi izinto ezinokubalwa kwisimo sentlalo ezithe zaguquka ngenxa yempucuko. | 20<br>25<br>30<br>35 |

3	<p>Kuyo yonke le meko yenziwe yimpucuko umntu akakaneli kukuzama ukuzenzela intlalo lula. Ngoko ke impucuko isahambela phambili, ihamba ngokugabadula kunjalo nje. Ngangendlela egagaza ngayo ingqondo yomntu ukucinga amacebo amatsha okwenza ubomi lula, kulula ukuba sijonge kwiminyaka esezayo sizibone ngeliso lengqondo izinto eziseza kwenzeka. Baseza kuphelelwa yimisebenzi abantu kuba imisebenzi emininzi iza kwenziwa ngoomashini, njengokuba sekuqalile kakade kwezinye izinto. Mhlawumbi umzi ngamnye useza kuba nomashini oza kupheka, ucoce indlu uye kuthenga edolophini zakuphela izinto endlwini, uye kulima emasimini uvune ngexesha lokuvuna. Mhlawumbi nasezikolweni baza kubakho naba mashini bafundise abantwana babavavanye, zingabi kho iititshala ezi. Mhlawumbi nezithuthi ezi ziza kwenziwa ngohlobo lokuba zingafuni mqhubi. Uthi ayingenzeki into yokuba abasebenzi baseRhawutini abanamakhaya aseKapa mhlawumbi balale emakhaya baman'ukuvukela impangelo eRhawutini, babuyele eKapa ngotshayile? Ngokuya abantu babehamba iinyanga ngeenyanga xa behamba imigama engaka ngubani owayenokuyicinga into yokuba namhlanje le migama ingahanjwa ngeeyurana ezimbalwa nje?</p>	40 45 50 55
4	<p>Hayi masiyivume impucuko yasizela nobomi obuthambileyo, kunjalo nje buseza kuya buthamba ngokuthamba. <b>Kodwa xa siphinda siyijongisisa le mpucuko iyasifikela ingqondo yokuba ngathi iseza kujika ibe yinkucuko. Khangela amasiko ethu indlela aphela ngayo.</b> Ngathi aseza kuphela khucu. Indawo ebuhlungwana kuyo yonke le nto kukuba njengokuba le mpucuko yaqala ezizweni nje yada yeza kufika nakwaNtu, inkucuko yona iza kuqala apha kwaNtu ukuba asilumkanga thina bakwaNtu.</p>	60
<p>[Sithathwe kwincwadi ethi <i>Imfinca-mfincane</i>; ZS Zotwana; amaphepha 54–60 sahlelwa.]</p>		

**Jonga kumhlathi 1**

- 1.1.1 Xela ukuba babezenza ngantoni izambatho abantu bakudala. (1)
- 1.1.2 Bhala igama ELINYE endaweni yebinzana, '... into esiwa phantsi kwempumlo.' (1)
- 1.1.3 Matanisa ihlelo labantu ELIKUKHOLAM-B nesinxibo salo ESIKUKHOLAM A.

	KHOLAM A		KHOLAM B
(a)	lincebethe namajikolwana	A	Amadoda
(b)	Ukubhinqa izibheshu	B	Amakhwenkwe
		C	Amantombazana

(2)

- 1.1.4 Cacisa ukuba bunasiphumo sini ubuninzi beendlela ngeendlela zokunxiba zale mihla. (2)

### **Jonga kumhlathi 2**

- 1.1.5 Caphula isivakalisi kulo mhlathi esibubungqina bokuba impucuko isitsho asalazi elona cala sikulo. (1)
- 1.1.6 Siphuhlisa ntoni isihlanganisi u 'ngenxa' esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi? (1)
- 1.1.7 Bonisa ukubaluleka kwamasiko nezithethe kwindlela yokuhlala kwezizwe. (1)
- 1.1.8 Xela izinto zibe MBINI ethi impucuko aziyompilo kwisiko lolwaluko. (2)

### **Jonga kumhlathi 3**

- 1.1.9 Chonga igama elithetha ukuba ingqondo ihamba ngokukhawuleza. (1)
- 1.1.10 Yintoni eza kwenza ukuba abantu baphelelwe yimisebenzi? (1)
- 1.1.11 Luluvo okanye yinyani ukuba impucuko isahambela phambili? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.12 Chaza utshintsho oluze nempucuko kwixesha elalithathwa ngabantu kwiihambo zabo. (2)
- 1.1.13 Nika ingongoma ephambili equlathwe ngulo mhlathi. (2)

### **Jonga kumhlathi 4**


- 1.1.14 Ingaba uyangqinelana noluvo olubhalwe ngqindilili kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.15 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. (1)

Umsebenzi wesivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi ...

- A kukuxhasa okuyingcamango yomhlathi.  
 B kukuqulatha okuyingcamango yomhlathi.  
 C kukuba ngumzekelo wokuyingcamango yomhlathi.  
 D kukushwankathela okuyingcamango yomhlathi. (1)
- 1.1.16 Bonisa ukuchaneka kwegama inkucuko ngokubhekiselele kwindlela izinto ezitshintsha ngayo ngenxa yempucuko. (2)

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Ithathwe kwi-<http://www.maths.goodies.com> yahlelwa]

- 1.2.1 Chaza ukuba ingantoni le grafu. (2)
- 1.2.2 Liliphi ixesha eliba phezulu ngalo inani labantu evenkileni ngokwale grafu? (1)
- 1.2.3 Bangaphi abantu abasevenkileni ngentsimbi yesithathu? (1)
- 1.2.4 Ungamcebisa ukuba aye ngaliphi ixesha evenkileni umntu ofuna ukuncedwa msinyane? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

**ICANDELO B: USHWANKATHELO****UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, ze usishwankathele ubonise ukulunga nokungalungi kukamabonakude eluntwini. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

**ISICATSHULWA C****UYAKHA OKANYE UYACHITHA UMABONAKUDE?**

Kuninzi okuthethekayo okumayela nokulunga nokungalungi kukamabonakude phakathi koluntu. Abanye bayamncoma bathi bazuza lukhulu kwiinkqubo zakhe abanye bayamngxibha ngelithi akanamfundiso iyiyi kwaphela.

Umabonakude usiphathela iindaba ngezinto ezenzekayo ehlabathini. Asaneli nje ukuva okuqhubekayo elizweni, siyazibonela ngamehlo sikholwe. Siwubonile umonakalo obangwe zizikhukhula eTshayina naseMelika.

Usizela nendyebo yokhuphiswano kwezemidlalo. Minyaka le ngoJuni ukuya kuJulayi sibukela intenetya ekumgangatho ophezulu yaseWimbledon eLondon. Siyibonile imidlalo ye-*Olympics* apho kukhuphisana amaqela ehlabathi.

Ukwasizisela iintlobo zomculo ovunywa ziindidi zabantu nezamaqela. Simbonile exhentsa samva engqokola uMahlathini. Sizibonile iikwayala zeli zitsholozela eStandard Bank Arena. Simbonile uMichael Jackson ezibhijabhija eqongeni ehlahlambisa isitediyam siphela.

Umabonakude uneenkqubo ezifundisa abantwana besikolo nezikawonkewonke. Ezibalaseleyo zezifundisa ngeMathematika, ngeNzululwazi, ngeBhayoloji nangesiNgesi. Zikwakho nezifundisa ngolimo, ukupheka, impilo njalo-njalo. Kwisifundo ngasinye kukhethwa incutshe enobuchule bokuwucacisa umcimbi kwabaphulaphuleyo.

Bakho abamkhalazelayo umabonakude ngokungabinamfundiso iyiyi ingakumbi kwabasakhulayo. Okuqala kukuba, uhlile umdla wabantu ekufundeni iincwadi. Bambalwa abantu abandwendwela iilayibrari ngeenjongo zokukhetha iincwadi abanokuzifunda ukuze ulwimi lwabo luphucuke nolwazi longezeleleke.

Kwakhona, umabonakude udale ubunqenerha ebantwini. Abazali bakubuya emsebenzini nabantwana bakubuya esikolweni bacofa umabonakude bathi zava esofeni. Kuba nzima sekufuneke umntu aye kuvulela iindwendwe emnyango kuba engafuni kuphoswa nayindawana kwinkqubo ayibukeleyo.



Umabonakude ubonisa iifilimu ezibafundisa izinto ezingatshongo khona abantwana ngokuthi zigabadela kwezothando nobundlobongela. Abantwana balapha, babukele, kunzima nokuba umzali angakhe awucime okomzuzwana umabonakude okanye abantwana bacimele kudlule indawo ethile.

Umcimbi wokulunga nokungalungi kukamabonakude uwuxakekisile umzi kwaye akubonakali ngathi kungakho sisombululo okwangoku.

[Sicatshulwe ku '*Unambitheko*: M Yekela, amaphepha 27–32 saze sahlelwa]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI****UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

**Kubadlali inika amandla awongezelelekileyo.**

**Ikukhusela ngokugqibeleleyo kwizifo, ilwe ukudinwa!!**

**Khawuleza uzifumanele eyakho!**



**Bio-Strath® Ubomi benene!**  
IBio-Strath ifumaneka kwikhemesti neevenkile ezinkulu zeli.


[Sicatshulwe ku-[www.googleimages.co.za](http://www.googleimages.co.za) saze sahlelwa]

- 3.1 Nika igama lemveliso ethengiswa kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.2 Khetha impendulo echanekileyo ibe NYE kwezi zilandelayo.  
Igama, 'awongezelelekileyo' ngokwakwisibhengezo-ntengiso lithetha:
- A Amandla ancitshisweyo.  
B Amandla angaphantsi.  
C Amandla aphungulweyo.  
D Amandla angaphezulu. (1)
- 3.3 Nika isilogani sesi sibhengezo-ntengiso. (1)
- 3.4 Sisetyenziswe ngayiphi injongo isenzi u 'khawuleza' esikwisibhengezo-ntengiso? (2)
- 3.5 Nika izinto eziMBINI eluncedo ngazo le mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso. (2)
- 3.6 Xela ukuba ifumaneka phi le mveliso. (1)
- 3.7 Ngobani abanokuba nomdla kule mveliso? Xhasa impendulo yakho. (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**

[Icatshulwe kulmpImages.com yaze yahlelwa]

- 4.1 Xela isixhobo esibonisa ukuba utata ukhathazwa ngamehlo. (1)
- 4.2 Chonga isihlomelo sexesha kwintetho yomntwana. (1)
- 4.3 Xela izinto zibe MBINI ezibonisa ukuba utata wothukile. (2)
- 4.4 Nika umsebenzi weqhagamshela kwigama u 'M-m'. (1)
- 4.5 Chaza isizathu sokuba umntwana asibambe ngezandla ezibini isibham. (2)
- 4.6 Xela igama lomzobi wale khathuni. (1)
- 4.7 Nika umyalezo odluliswa ngumzobi wekhathuni. (2)
- [10]**

**UMBUZO 5**

Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

**5.1 ISICATSHULWA F: IPROZI****UKUBA BENDINGUMANTYI**

Akukho msebenzi ubalulekileyo kunomnye. Yonke imisebenzi ibalulekile entlalweni. Kuhle ukuba kubekho oomantyi, amapolisa amagqwetha, izibonda kanti noosampungana bayafuneka. Esi sizwe singaphela zizifo bengekho. Abatshayeli bezitalato bayafuneka kanti nabathuthi benkunkuma babalulekile esizweni. Lilonke ndithi yimpazamo ukucinga ukuba xa ungugqirha ubalulekile kunegqwetha, xa uligqwetha ubalulekile kunepolisa xa ungumabhalana ubalulekile kunetitshala ndibala ntoni na?' Kuxoxa uLoyiso.

Kuthe cwaka umzuzwana kwandula ukuphendula uMdumiseni ngelithi, 'Ngathi siyangqinelana ngale ndawo. Bubudenge obuphindaphindeneyo nesinyalumani ukucinga ukuba lo wakho umsebenzi ubalulekile kuneminye. Ubutishala ngundoqo esizweni. Abongikazi nabo bazalwa bubo, abachweli neenjinalwazi ziziqhamo zabo kodwa bubudenge ukuthi ubutitshala bubalulekile kunobufundisi. Ingulowo umsebenzi ubalulekile kwindawo yawo.

[Sicutshulwe kwincwadi 'Ugeme' ka PT Mtuze, iphepha le-19 yaze yahlelwa]

5.1.1 Khetha isizathu sokushiywa kweceba kwisibizo esikrwelelwe umgca ngaphantsi:

Akukho msebenzi ubalulekileyo kunomnye.

- A Isibizo sisetyenziswe emva kwesichazi.
- B Isibizo silandela isimelabizo sokukhomba.
- C Isibizo sisetyenziswe emva kwesilanduli.
- D Isibizo asicacanga ngokupheleleyo.

(1)

5.1.2 Xela udidi lwesimelabizo esinomgca ngaphantsi.

Yonke imisebenzi ibalulekile entlalweni.

(1)

5.1.3 Nika isizathu sokusetyenziswa kwesiphumlisi kwisivakalisi esingezantsi

Kuhle ukuba kubekho oomantyi, amapolisa amagqwetha, izibonda kanti noosampungana.

(2)

5.1.4 Chonga isichazi kwesi sivakalisi singezantsi.

Abongikazi nabo bazalwa bubo, abachweli neenjinalwazi ziziqhamo zabo.

(1)

5.1.5 Bhala isifinyezo seli gama; Gqirha.

(1)

- 5.1.6 Isakhi u 'nga' esinomgca ngaphantsi sisinika eyiphi imilo kwezi zikwizibiyeli.  
(Imilo yokusaqhubekayo/Imilo yokungathiza)  
Esi sizwe singaphela zizifo bengekho oogqirha. (1)
- 5.1.7 Sebenzisa igama, 'umsebenzi' kwesinye isivakalisi linike intsingiselo eyahlukileyo kule ikwiscatshulwa. (1)
- 5.1.8 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo yengxelo ntetho.  
UMdumiseni uphendule wathi, 'Ngathi siyangqinelana ngale ndawo.'  
**Qala ngolu hlobo.** UMdumiseni uphendule ngelithi ... (3)
- 5.1.9 Lungisa isiphene kwisivakalisi esingezantsi uthathele ingqalelo isiqwengana esinomgca ngaphantsi.  
Lilonke ndithi yimpazamo ukucinga ukuba xa ningoogqirha ubalulekile kunegqwetha. (2)
- 5.1.10 Xela umsebenzi wesakhi u 'na' kwigama elibhalwe ngqindilili.  
Abatshayeli bezitalato bayafuneka kanti **nabathuthi** benkunkuma babalulekile. (1)

5.2 Funda lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**



[Uthathwe kwiBona; Julayi 2012, iphepha 81.waze wahlelwa]

5.2.1 Bhala esi sivakalisi silandelayo kwakhona usiqale ngolu hlobo; lyeza ...

Umntwana uthanda iyeza. (2)

5.2.2 Hlahlela isivakalisi esingezantsi ukhuphe igatya eliyintloko negatya elintanganye.

Umama uyabakhathalela abantwana bakhe kuba akafuni bagule.

Cwangcisa ngolu hlobo:

IGATYA ELIYINTLOKO	IGATYA ELINTANGANYE

(2)

5.2.3 Bhala imo emfutshane yesenzi esinomgca ngaphantsi.

Umama uhlala exhobile ngamayeza. (1)

5.2.4 Bhala isaci esithetha ukuba umama nomntwana wakhe bayafana usebenzise igama elikwizibiyeli (umcephe).

(1)  
[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**  
**AMANQAKU EWONKE 80**